



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2016**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 100**

**Le memorandam inamaphepha ali-13.**

## ICANDELO A: ISINCOKO

### IMIYALELO YOKUMAKISHA

Kweli candelo umviwa ukhetha isincoko sibe sinye. Ukuba ukhethe zazibini, makisha esokuqala.

**QAPHELA:** Umviwa angabhalala naluphi udidi Iwesincoko ngesihloko asikhethileyo.

Ubude besincoko bumele ukuba kwisithuba samagama ali-190 ukuya kuma-240.

Sebenzisa irubriki esisihlomelo A ukumakisha esi sincoko.

1.1	Isihloko:	Saluphumelela nzima olo khuphiswano	[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebolelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwego, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<p><b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b></p> <p>Amaqela akhuphisanyo/uhlobo lokhuphiswano/injongo yokhuphiswano/abantu ababandakanekayo/imizamo namacebo okuzama ukuphumelela/iimvakalelo zabo ngaloo mini/ukuphumelela.</p> <p>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka].</p>	

1.2	Isihloko:	Iteknoloji yale mihla	[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebolelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwego, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<p><b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b></p> <p>Uncedo Iwetekhnoloji yale mihla/ukuphela kwemisebeni ngenxa yetekhnoloji/ukuphucuka kwemfundu/ukukhula koqoqosho/ukuphucuka kwezokhuseleko/ukwanda kobugewu/ okuyingxaki okuza netekhnoloji.</p> <p>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka].</p>	

1.3	Isihloko:	Ndiyazidla ngoMzantsi Afrika	[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwego, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b>  Angachaza izinto yena azithandayo nezimkholisayo/ usenokuchaza indlela ekwenziwa ngayo izinto/ usenokubhekisa kwizinto ezikhoyo kweli lizwe/angabhekisa kwimiba eliqela, umzekelo, enxulumene nezentlalo, uqoqosho, imfundu, ezopolitiko, ezenkolo, ezemidlalo, ubugcisa nenkcubeko, nezinye ezisemxholweni ngokokubona kwakhe.	

1.4	Isihloko:	linkqubo zolutsha kumabonakude	[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwego, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b>  Angazikhankanya iinkqubo zolutsha/ukukhulisa ulutsha/ ukunika indawo ulutsha ekukhuliseni olunye ulutsha/ ukuqoqosha ulutsha.	

1.5	Isihloko:	Ukuba yindumasi	[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwego, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b>  Angabhala ngobomi bokuba yindumasi/ukubaluleka kweendumasi/ifuthe leendumasi kubantwana abasakhulayo/ iingxaki abahlangabezana nazo.	

1.6	Isihloko:	Inkokeli endinqwenela ukuba yiyo	[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwewo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b>  Uhlobo Iwenkokeli/usenokuthetha ngenkokeli ethile/athethe ngaye xa enokuba yinkokeli/usenokuyixela okanye angayixeli inkokeli ukuba ngubani/izinto ezibalule ngayo le nkokeli/ iimpawu zakhe ezisondeleyo kwezi zale nkokeli/iimpawu anazo ezibonisa ubunkokeli.  [Naziphi izimvo zomfundi ezipsemxholweni ziya kwamkeleka].	

1.7.1	Isihloko:		[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwewo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b>  Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo. Angathetha ngokulondolozwa kwamanzi/ngembalela/ngokubaluleka kwamanzi/iinjineli zamanzi/ukuziswa kweenkonzo zamanzi eluntwini/ umfanekiso ungalotlikwa ngokwentsingiselo efihlakeleyo.  [Naziphi izimvo zomfundi ezipsemxholweni ziya kwamkeleka].	

1.7.2	Isihloko:		[50]
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiwewo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kanye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo	<b>Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.</b>  Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo. Imvelaphi yekhampeyini yemizuzu engama-67/iinkqubo abantwana besikolo abanokungena kuzo ngale mizuzu engama-67/angabalisa ngeprojekthi ababeyenzile ngale mizuzu engama-67/igalelo labantu ekuhlaleni ngemizuzu engama-67.  [Naziphi izimvo zomfundi ezipsemxholweni ziya kwamkeleka].	

## IIMPAWU ZESINCOKO

Isincoko esibalisayo sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.

- Makasebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandeelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/sokuggibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

Isincoko esichazayo

- Sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

Isincoko esicamngcayo:

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becalo esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso - ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho).
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.

Isincoko esioxoxela icala elinye:

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho Iweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelو engoluvo oluthile lokuvula.
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

Isincoko esixoxela amacala omabini:

- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela ulovo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe ulovo xa evala.
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma nokunika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### IMIYALELO YOKUMAKISHA

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye. Ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala.
- Ubude bomhlathi omde mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo B ukumakisha lo mhathlathi.

### UMBUZO 2

#### 2.1 ILETA ESESIKWENI EYA KUMHLELI

- Idilesi zimbini eyomntu obhalayo neyombhalelwa.
- Isibuliso masibe sesifanelekileyo.
- Umcimbi wokubhalwa kweleta.
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace.
- Ithoni nerejista mazibonakalise intlonipho.
- Umxholo mawube ngowokuncoma ukusetyenziswa kwesiXhosa kwiphephandaba */sol'ezwe*.
- Kwisiphelo kubhalwa igama, ifani kusayinwe.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

[30]

#### 2.2 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO

- Kwileta makubekho iidilesi zimbini eyomntu obhalayo neyombhalelwa.
- Isibuliso masibe sesifanelekileyo.
- Umcimbi wokubhalwa kweleta.
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace.
- Ithoni nerejista mazibonakalise intlonipho.
- Umxholo mawube ngowokucela umsebenzi kwaJET stores.
- Kwisiphelo kubhalwa igama, ifani kusayinwe.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo
- KwiSivi makuvele iinkcukacha zikaNaomi White: igama, umhla wokuzalwa, ubuzwe, inombolo yesazisi, idilesi njalo njalo.
- Izinqinisekiso zemfundo umzekelo; amabanga aphanyelelweyo.
- Amava ngomsebenzi ukuba akhona.
- Izinto anomdla kuzo.
- Abantu abanokwenza ingxelo ngaye.

[30]

#### 2.3 IRIVYU

- Uvakalisa izimvo zakhe azixhase.
- Isihloko sencwadi, umbhali wayo nonyaka epapashwe ngawo nohlobo lwencwadi.
- Angachaphazela isimo sentlalo/ukuzotya kwabalinganiswa/abadlali/ukulandelelana kweziganeko/ulwimi olusetyenziswayo/umoya webali/impixano noxhalabiso.
- Usenokucebisa okanye enze izindululo.

[30]

## 2.4 UDLIWANO-NDLEBE

- Kwantshayebole obuza imibuzo unika imvelaphi yomntu ambuzayo.
- Izithethi maziphewe amagama.
- Amagama abo bathethayo abhalwe ekhohlo, kusetyenziswe iholoni emva kwegama lomlinganiswa lowo uthethayo.
- Kutsitywa umgca ukubonakalisa isithethi ngasinye esitsha.
- Kwisiqu obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni malunga nesihloko nobuzwayo aphendule okubuzwayo.
- Lubhalwa kwixesha langoku kusetyenziswa umntu wokuqala.
- Ithoni nolwimi luxhomekeke kubudlelwane phakathi kwezithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Ulwimi oluntsokothileyo luyasetyenziswa.

[30]

**AMANQAKU ECANDELO B:** **30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### IMIYALELO YOKUMAKISHA

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye, aze athi ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala.
- Ubude bomhlathi omfutshane ngama-60 ukuya kuma-80 amagama umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo C ukumakisha lo mhlathi.

### UMBUZO 3

#### 3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

- Masibe nomtsalane.
- Kusetyenziswe iifonti ezahlukileyo.
- Icaciswe imveliso ethengiswayo.
- Kusetyenziswe ilogo nesilogani.
- Kunikwe iinkcukacha malunga neendlela zokufumana imveliso leyo. [20]

#### 3.2 IPOSIKHADI

- Mayiyilwe kufuziselwe icwecwe ebhalwa kulo.
- Idilesi yombhalelw nomhla.
- Umxholo mawube ngowokunqwenelela umhlobo uhambo oluhle oluwa phesheya kolwandle.
- Ibhalwa ngokungekho sikweni.
- Isiphelo esifanelekileyo negama lombhali. [20]

#### 3.3 IMIYALELO

- Umyalelo mawucace gca, kusetyenziswe isiyaleli ikakhulu.
- Imo elandulayo ingasetyenziswa kodwa hayi kakhulu.
- Usenokukhankanya ubhaliso ukuba kukho iifomu ezigcwaliswayo kuxelwe ukuba zifumaneka phi, njani.
- Umhla wokuvala ukungenela ukhuphuswano ucaciswe.
- Izinto ezilindelekileyo kubantu abaza kuthatha inxaxheba, umzekelo; ubudala.
- Indawo oluza kuqhutyelwa kuyo ukhuphiswano.
- Lindidi zomdaniso ezilindelekileyo. [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20  
AMANQAKU EWONKE: 100

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha izincoko zephepha lesi-3, ICANDELO A.
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu aphambili.
- Kwiikhrayitheriya yoMxholo, uLwimi neSimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe lanomgangatho ongentla nongezantsi yanemimandla yamanqaku ahabelana nomgangatho ngamnye.
- Ikhrayitheriya yeSakhiwo yona ayichaphazeleki ngumgangatho ongentla nongezantsi.

**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU]**

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b>  (Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko	<b>28–30</b>  <b>Umgangatho ongentla</b>  -Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindelekile -Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko -Isincoko sibekelwelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko	<b>22–24</b>  <b>Umgangatho ongentla</b>  -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu -Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umda, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo -lingcamango zibekelwelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>16–18</b>  <b>Umgangatho ongentla</b>  -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo -Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukusinga kofundayo -lingcamango zibekelwelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>10–12</b>  <b>Umgangatho ongentla</b>  -Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo -Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko -Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango	<b>4–6</b>  <b>Umgangatho ongentla</b>  -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibondene azingqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/uthetha into enye -lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelewano
<b>30 AMANQAKU</b>	<b>25–27</b>  <b>Umgangatho ongezzantsi</b>  -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekele phi kwisincoko -Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga -lingcamango zibekelwelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayelelo, isiqu kanye nesiphelo	<b>19–21</b>  <b>Umgangatho ongezzantsi</b>  -Impendulo ixonxwe ngobugcisa -Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umda -Sibekelwelwe ngobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>13–15</b>  <b>Umgangatho ongezzantsi</b>  -Impendulo iyanelisa nangona kumana kubakho ukungacaci kwiindawo ezithile -Kukho ukunamathelana okubonakalayo kwizimvo kwaye kuyanelisa -Kukho ukubekelela kweengcamango nonamathelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>7–9</b>  <b>Umgangatho ongezzantsi</b>  -Impendulo iphumile emxholweni ubukhulu becalo -Izimvo ziyaqhawu-qhawuka ziyabhidisa -Buyanqaphazeka ubungqina bokubekeleka kweengcamango nonamathelwano	<b>0–3</b>  <b>Umgangatho ongezzantsi</b>  -Impendulo itenxile malunga nomxholo -Izimvo zitenxile zingcwecwela kude nomxholo -lingcamango ziyingxubevange engenamgqalisela

**IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU] (isaqhube)**

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>ULWIMI, ISIMBO &amp; NOKUHLELA</b>	<b>14–15</b>	<b>11–12</b>	<b>8–9</b>	<b>5–6</b>	<b>0–3</b>
Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kanye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo	<b>Umgangatho ongentia</b>  -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene ngokugqesileyo nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyathabathekisa -Ithoni enomtsalane nezafobe zentetho eziphumeza injongo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhwi zivakalisi, upelo nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi luchaneke ngakumbi kwaye ithoni isetyenziswe ngokuchaneka kwisincoko siphela -Iziphene zokusetyenziswa kolwimi nopelo zinqongophele -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi olufanelekileyo ludlulisa umyalezo -Ithoni ifanelekile -Izafobe zentetho zinonga umxholo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama azifanelananga ncum nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka -Ithoni nochongo magama azifanelekanga -Isigama sinqongophele	-Ulwimi aluvakali -Ithoni, irejista, isimbo, isigama asifanelananga kwaphela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ukunqongophala kwesigama kubaxe kile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliwego
<b>15 AMANQAKU</b>	<b>13</b>	<b>10</b>	<b>7</b>	<b>4</b>	
	<b>Umgangatho ongezantsi</b>  -Ulwimi luchanekile kanye nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhwi zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala -Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala -Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kanye nopelo -Sixonxwe ngobugcisa	-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa asekho amakhwiniba -Ithoni ifanelekile kodwa izafobe zentetho ezisetyenzisiwego zinqongophele	-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintsha-tshintshwa -Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo	
<b>ISAKHIWO</b>	<b>5</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>0–1</b>
limpawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakhwi kwezivakalisi	Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqisiswa ngokugqesileyo	-linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelanayo -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo	-linkcukacha ezisemxholweni zikhuliswe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	-Zikho iingcamango ezamkelekileyo -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	-lingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko -Isincoko asinangqiqo
<b>5 AMANQAKU</b>					
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>43–50</b>	<b>33–40</b>	<b>23–30</b>	<b>13–20</b>	<b>0–10</b>

**ISIHLOMELO B: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE– ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [30 AMANQAKU]**

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetebhetye
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>	<b>15–18</b>	<b>11–14</b>	<b>8–10</b>	<b>5–7</b>	<b>0–4</b>
Ukungqala kwempendulo nezimvo Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kanye nemeko	-Impendulo igqwesile idlule okuqhelekileyo -Izimvo ziqiqisisiwe kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Umsebenzi unggalile uhleli emxholweni -Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile ezingachanekanga ezingephi	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokugwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki	-Impendulo ibonakalisa ulwazi olungephi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhassa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziswe ngokungaqondi -Kutyeshelwe izinto ezininzi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhassa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>18 AMANQAKU</b>	<b>10–12</b>	<b>8–9</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b>	Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kanye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Uchongo magama iimpawu zokubhala kanye nopolو	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sichaneke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kakhulu nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becalo akukho zimpazamo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kakhulu nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -limpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo,imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala -Isigama asifanelananga nenjongo -Intsingiselo ilahleke kakhulu
<b>12 AMANQAKU</b>	<b>25–30</b>	<b>19–23</b>	<b>14–17</b>	<b>9–12</b>	<b>0–7</b>
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>					

**ISIHLOMELO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIFUTSHANE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]**

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO</b> <b>UKUCWANGCISA</b> <b>NEFOMATHI</b>	<b>10–12</b>	<b>8–9</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
Impendulo nezimvo Ukubekelwa kwezimvo limpawu zetekisi/ umgaqo kanye nemeko  <b>12 AMANQAKU</b>	-Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo -Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Umsebenzi unggalile akukho kugqwidiza -Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kwenzeka ngokufanelekileyo -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhassa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo. -Intsingiselo iduka kwisakhwiwo esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhassa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>ULWIMI, ISIMBO</b> <b>NOKUHLELA</b>	<b>7–8</b>	<b>5–6</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>0–2</b>
Ithoni, irejista, isimbo, nesigama singqamene nenjongo kanye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Ukhetho- magama limpawu zokubhala kanye nopelo  <b>8 AMANQAKU</b>	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becalalazikho iimpazamo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -limpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakanye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala iyadida -Isigama asihambelani nenjongo -Intsingiselo ilahlekile kakhulu
<b>UMMANDLA</b> <b>WAMANQAKU</b>	<b>17–20</b>	<b>13–15</b>	<b>10–11</b>	<b>7–8</b>	<b>0–5</b>